Ukuthimba
Amasango Otshaba

Bhotani kusasanje, wonke umntu. Ndiyavuya ukuba lapha kwakhona ngale ntsasa emnqubeni, ukuza kuthandazela abagulayo namhlanje. Kuthi, esiqhelweni, sizame ukungena, qho njalo, si—sithandazele abantu abathe bangena bevela kwiindawo ngeendawo, bezele umthandazo.

Ke ngoku sizakuhamba kwakutshanje, ngoku, ukuya eCalifornia nakwiinkonzo zoNxweme lwaseNtshona. Yaye siyizungula ngenene imithandazo yenu, ukuze uThixo weZulu abe nenceba kuthi phaya asinike iinkonzo ezinkulu.

Ndisandula kufika, izolo, okanye phezolo, gxebe, selimnkile ixesha. Yaye izolo ibililolunye i. . . Ke, izolw'elinye, nayizolo, ibizezona zezona ntsuku ziqaqambileyo zinkulu zobomi bam. Ngoko, ndazi abantu ababini, okanye abathathu, abalapha kwesi sakhiwo abebengamangqina wokuhla kweNkosi, izolo. Nento enkulu, emangalisayo ethe yenzeka, endingenaxesha lokunibalisela yona ngale ntsasa. Kodwa mhlawumbi kwintsasa yeCawa ezayo, phambi kokuba sihambe, ndisenokuba nalo ixesha, eMyalezweni, uku—ukunibalisela. Ukuba iNkosi ithandile, ndizakuhla, ukwenzela nje ukuthandazela abagulayo, kusasa ngeCawe. Sisenokufuna ukuhamba phambi kokuba kubethe imini, ukuba kuyenzeka, sisenzela inkonzo yase San Jose, eCalifornia. Yaye ukuba ninabantu abakufutshane apho, kuNxweme lwaseNtshona. . . Endikholwayo ukuba iyakuba lelo lixa bendilithakazelela, ithuba elide, ukuguquka kolungiselelo lwam. Yaye kusondele kakhulu, bendicinga ukuba kuyakwenzeka izolo. Yaye ndiyakholwa ukuba kuyakwenzeka kanye ngoku, yaye iyakudlula kakhulu kuyo nantonina esakhe sayibona okanye sayiva, okwangoku. Ngoku ukhumbule, lowo ngu-ITSHO INKOSI. Yabona? Ngoko ke siyilindele nje loo nto, naxesha nini na.

Yaye simelwe kukuba nenkonzo ngoku kumabala emiboniso. Ndiyacinga ukuba kunjalo, akunjalo, Gene? Kumabala emiboniso eSan Jose, eCalifornia. Yaye iyakuba yinkonzo yeentsuku ezilishumi, iqala ngowama-20, ukuphumela kowama-29, e—eSan Jose. Ngoku, sikhumbuleni nje emthandazweni nisithandazele.

Ngoku sinamalunga, ukuba siphume ngexesha, malunga neyure enye enesiqingatha ngoku, ukuze siqalise iinkonzo zenu zokuthandazela abagulayo nokuzisa iLizwi. Ndiye ndakhetha, ngale ntsasa, umhlathi omncinane weSibhalo, indawo ezimbini

eBhayibhileni, endizakuthetha ngazo. Kodwa, phambi kokuba sithethe, masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje, sithandaze.

2 Thixo onenceba kunene, sisondela ngokuzithoba phambi kwetrone yaKho yobabalo ngale ntsasa, njengabantwana abangafanelekanga, kodwa siza sinokholo olungangxengwangwa kuThixo, esalunikwa nguMoya oyiNgcwele, noBukho baKhe obuhleli nathi njalo. Nangedinga elabekwa yiNkosi uYesu, lokuba ukuba sithe sazithoba size sicele nantoni na eGameni laKhe, siyakusinikwa isibongozo sethu. Ngoko ke, asisakhangeli emva kokwethu esinokukwenza, ngokuba asinayo nantoni na enjalo, koko sikhangela emva koko kwakunokwenziwa eKalvari, apho saphiwa inceba yethu ngesisa nguNyana kaThixo. Yaye kunokuba nzima ukuthintela iinyembezi zibuye umva ebeziyakuhla ngemiqala yethu, sakucinga ngathi, thina bantu bangafanelekanga, nokuba ngobabalo lwaKhe apho eKalvari Wasenzela loo nto, ukuze sibe nokusondezwa kangaka kuThixo, nakubudlelane buqu. Ke ngoku singoonyana neentombi zaKhe.

3 Yaye siyeza ngale ntsasa, Nkosi, phantsi kolu phahla luncinane, ukuza kuzinikezela, nokulungiselela inkonzo, ukuvuma izono zethu, na—nangokudumisa okuNgcwele. Siyakuthemba ukuba Uyakuba nathi usiphe ukubona ngaphambili komoya kokuza kwaKho okusondeleyo, ukuze silungiselele iintliziyo zethu mihla yonke silungiselela eso siganeko sikhulu sasihleli silindelwe amawaka eminyaka. Ngenene yonke indalo iyancwina, ililela ukukhululwa. Nemimoya yethu ngaphakathi kwethu, Nkosi, ivuma ngokuthe gqolo ukuba, “Singabahambi nabasemzini, kwaye ayilokhaya lethu eli, koko sizungula loo Mzi uMakhi waWo noMenzi unguThixo.” Silindele eloo xesha libalulekileyo ukuba lifike.

4 Nkosi, siyakukhumbula ukuba ezi nkonzo, xa sihlangene apha, sithandazela abantwana baKho abagulayo nabaxhwalekileyo. Kwaye sicela ukuba Uhlangane nathi namhlanje ngendlela eyodwa, ukuze uphilise konke ukugula nezifo phakathi kwethu. Kwanga kunganjalo ke, Nkosi, ukuze eli dinga bendisandula ukuthetha ngalo ngaphambili, ekuhlanganeni naWe phaya izolo, kanye emva kokuthi qheke kwemini, nendlela othe Walingqinela ngayo ngokuphinda-phindiweyo. Yaye siva ngokungathi elo lixa lisondele kakhulu. Yanga ingalolusuku ke, Nkosi, okuya kwenzeka ngalo oko, apho Uyakutshintsha khona ulungiselelo, Nkosi, lube yinto ethe chatha ngenceba kubantu baKho.

5 Ke ngoku, Bawo Thixo, asifuni kuthandazela kuphela aba balapha, koko abo bathe saa kwihlabathi jikelele, baneentswelo, ngokubini ngokwasemoyeni nasemzimbeni. Baphe, Owu Thixo, iminqweno yeentliziyo zabo, ngokuba abantwana baKho

bayabulaleka ngale mihla. Yingcinezelo yotshaba iqine kakhulu, kodwa Wena womelele kunoko. Kuba kubhaliwe, "Mkhulu Lowo ungaphakathi kuni kunalowo usehlabathini." Ngaloo nto ke siyeyisa. Thetha nathi ngeLizwi laKho elibhaliweyo. Ukuze xa simka apha ngale ntsasa, sanga singathi njengabo babevela e-Emawusi, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kuthi ekuthetheni kwaKhe nathi endleleni?" Oko sikucela eGameni likaYesu, Yena wabeka eloo dinga. Amen.

6 Ngoku ndifunda kwiindawo ezimbini eNcwadini yeGenesis. Enye kuzo ifumaneka kwisahluko sama-24, iqalela kumqolo wama-56, ifundeka kanje.

Wathi kubo, Musani ukundibambezela, u-YEHOVA uyenze yanempumelelo indlela yam; ndindululeni ndiye eNkosini yam.

Bathi, Masiyibize intombi, sive ngomlomo wayo.

Bambiza uRebheka, bathi kuye, Uyakuhamba na nale ndoda? Wathi, Ndohamba.

Bamndulula ke uRebheka uda-. . . udade wabo, nomanyisikazi, nomkhonzi ka-Abraham, . . .

Bamsikelela uRebheka, bathi kuye, Ungudade wethu, yiba ngamawaka-waka, imbewu yakho ilidle ilifa isango labo bayithiyayo.

7 NakwiGenesis 22, umqolo we-15, siyafunda.

Samemeza isithunywa sika-YEHOVA ku-Abraham okwesibini sisemazulwini,

Sathi, Ndizifungile, utsho uYEHOVA, ngenxa yokuba uyenzile lento, akwa . . . akwanqaba nonyana wakho, emnye kuwe:

Ukuba ndiyakukusikelela ndikusikelele, ndiyakuyandisa ndiyandise imbewu yakho njengeenkwenkwezi ze . . . zulu, nanjengentlabathi . . . eselunxwemeni lolwandle; imbewu yakho ilidle ilifa isango lentshaba zayo;

Zisikelelwe ngembewu yakho zonke iintlanga zehlabathi;

Ngexa enokuba uliphulaphule ilizwi lam.

8 Ngoku yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo zaYo ekufundweni kwaMazwi aYo. Ngoku ndingathanda ukuthabatha, ukuba oko kunokubizwa ngokuba ngumxholo, ingongoma yam ngale ntsasa, okokuqala, ithi, "Ukulingwa ngaphambi kwamasango edinga." Ukuze ingongoma ithi: *Ukudla Ilifa Amasango Otshaba.*

9 UThixo wayemvavanya umawokhulu, ngokuba Wayemnike idinga. Yaye xa uThixo esenza isithembiso, Ufuna ukuqiniseka ukuba loo mntu ulifanele eloo dinga, phambi kokuba

Uyayizalisekisa into Ayithethileyo kungenjalo oko Athembisa ngako. Ngoko u-Abraham wayethenjiswe ukuba ngembewu yakhe ihlabathi liphela liyakusikelelwa, ukuba uyakufumana unyana. Kwaye, kulo nyana, kuyakuphuma iMbewu eyakusikelela ihlabathi lilonke. U-Abraham ke, ekunikweni kwakhe isithembiso eso, wayenamashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala; uSara yena, inkosikazi yakhe, yayinamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala. Kodwa iBhayibhile isixelela ukuba u-Abraham akazange athingaze kwisithembiso sikaThixo, ngokungakholwa, koko womelela, edumisa uThixo. Kwaye uThixo, ngamaxa amaninzi wamvavanya, kodwa wayefikelele kuvavanyo olulolokugqibela phambi kokuba ibe intsikelelo yayizakwenzeka.

10 Nantso ke indlela ekwakuyiyo kuyo yonke iMbewu ka-Abraham. UThixo usinika ukuvavanywa kokugqibela kanye nje phambi kokuba Anikezele ngesithembiso. Yaye ukuba kwakunokwenzeka, ndingathanda ukuthetha into apha, esuka kum buqu, kodwa ndizakukhe ndiyibambe. Oko kuvavanywa kokokugqibela, ukuze kubonwe ukuba uyakwenza ntoni na ngako. Wathi akuba Enike u-Abraham olu vavanyo, Wafumanisa ukuba u-Abraham wayenyaniseke njengokuba wayenjalo ekuqaleni kwakhe. Yintsikelelo enjani ekunokuba yiyo ngale ntsasa ukuba sinokuthabatha idinga laKhe lempiliso sime kanye sinyaniseke njengokuba senzayo xa sasimi apha silamnkela. Akunamsebenzi nokuba utheni na ugqirha, yima unyaniseke kangako.

11 Wathi akuyenza lento, akanqaba nonyana wakhe ekuphela kwakhe, koko wayesele elungele ukudovoza imela ingene esifubeni ku-Isake, etshabalalisa ubungqina bakhe. Wayengqinile, kulo lonke ihlabathi elaziwayo awayeqhelene nalo, ukuba wayeya kufumana lo nyana. Waze akufika lo nyana, wacelwa ukuba ayibuyisele umva loo nto, nokuba atshabalalise ithemba ekuphela kwalo lokuzalisekisa ubungqina bakhe. Wathi uThixo ke akubona ukuba wayethembekile kolo kholo wayenalo kuThixo, uThixo wakhangela esemazulwini Wathi, “Ndizifungile ukuba Ndiyakukusikelela ndikwandise, imbewu yakho iyakulidla ilifa isango lotshaba lwayo.” Elinjani idinga!

12 NoRebheka, owayezakuba ngumama walowo utyunjiweyo, owedinga, unyana olindelweyo, xa wayebizelwe kuvavanyo lokugqibela naye, lwendoda engayiqhelanga awayengazange ayibone ngaphambili. Inye into awayeyibonile kukusebenza koMoya oyiNgcwele. Baze bathi abazali bakhe bakuba bengenakwenza sigqibo ngokupheleleyo sokuba ahambe na nalo mntu wasemzini okanye hayi, aye kuba yinkosikazi yendoda angazange ayibone, weziswa kuvavanyo lokugqibela. “Siyakuyibiza intombi ithethe. Sive ngomlomo wayo ukuba iyakuhamba na, ewe okanye hayi.”

13 Yiloo ndlela eziswa ngayo kuyo yonke iMbewu kaThixo. Kumele ukuba ibe ngumlomo wakho. UThixo ufuna ukuva kuwe.

14 Ngoko wathi akufakwa koku kulingwa, akazange athandabuze nomzuzu. Wathi, "Ndiyakuhamba." Ndiyayithanda loo nto. Hayi, "Makhe ndenze isigqibo. Makhe ndiyihlolisise kwakhona." Wayoyiseke ngokupheleleyo. Nabo abantu anokubasebenzisa uThixo, xa oyiseke ngokupheleleyo ukuba uThixo uyakusigcina isithembiso saKhe. Wathi, "Ndiyakuhamba."

15 Abantu bakowabo ke ngoko, babethanjiswe kangako, mhlawumbi babengayazi loo nto, kodwa baprofeta njengokuba babebeka izandla kudade wabo, nentombi yabo; le intle, intombazana eselula yeJuda, njengoko babeyikhwelise enkameleni bayithumela kwilizwe lasemzini, phakathi kwabantu basemzini. Kodwa kwakukho iNto ethile phezu kwabo. Bathi, "Imbewu yakho mayilidle ilifa isango lotshaba lwayo. Mawube ngumama kumawaka ezigidi."

16 Kwaye, namhlanje, olo hlanga lwabantu nabantu bakaThixo lwahlwayeleka ukusuka kulwandle ukuya kolunye, ehlabathini jikelele. Kolu vuko bayakufana neenkwenkwezi zeZulu, njengoko ezo zibane zikhanyayo ziyakuma ngendawo yazo, zinqumla isibhaka-bhaka njalo. Yaye ekubuyeni kwabo, bayakufana neelwandle nge . . . kungenjalo intlabathi eselunxwemeni lolwandle. Iyakuba ngamawaka ezigidi zabo.

17 "Imbewu yakho iyakulidla ilifa isango lotshaba lwayo." Lidinga elifungelweyo likaThixo elo, "Imbewu ka-Abraham."

Ngoko, ngoMoya oyiNgcwele waKhe, ebona ukuba lo mama wayeyakuba yinxalenye yonyana, kananjalo, ngokuba bayinxenye ngokwenyama. Ngoko, uMoya oyiNgcwele esebenza ngaba bantu, wathi, "Yena . . . IMbewu yakho iyakulidla ilifa isango lotshaba." Ngoko uThixo efunga ukuba Uyakulidla ilifa isango lotshaba, ngoko ilibeka kweyiphi imo iBandla loThixo ophilileyo loo nto?

18 Thina siyiMbewu ka-Abraham. Kuba, thina, ngokuba sife noKristu, siyiyo, sithabathe iMbewu ka-Abraham kwaye siziindlalifa kunye nayo, kwangeloo dinga linye lifungelweyo. SiyiMbewu ka-Abraham, kwaye sizindlalifa kulo lonke idinga eyalinikwayo. Kodwa kwakufika izilingo, nako apho sisilela khona. Kodwa andikholwa ukuba iMbewu yenyaniso ka-Abraham iyakusilela. Bayakuma ngokukhalipha nokuthembeka njengoko wenzayo u-Abraham.

19 Ngoku sibona ukuba uThixo akanakuthetha nantoni na okanye—okanye enze isithembiso ngaphandle kokuba abe Uyakusizalisekisa. Umelwe kukwenza loo nto ukuze abe nguThixo. Kwiminyaka emva koko, xa kwa aboo bantu, abantu ababenikwe isithembiso, imbewu ka-Abraham

yayiseluhambeni lwayo, isiya kwi—kwilizwe ledinga, kwakukho isango elemayo, lema lenyuka ngokuchasene naye, yayingumntakwabo, uMowabhi, owathi, “Awusayi kunqumla emhlabeni wam. Ndizakuyijonga eyokuba awunqumli kumhlaba wam.”

20 Wathi, “Ukuba inkomo zethu zithe zakhotha nengca le yakho okanye zasela namanzi akho, siyakukuhlawula ngaloo nto.”

Kodwa wathi, “Awuzi kunqumla kulo mhlaba.”

21 Kodwa idinga likaThixo lema ngokunyanisekileyo. Ngoko wahamba wahlangana nomprofeti wabo, uBhileham, bamhlisa ukuze aqalisekise aba bantu. Nantsi ke into awayithethayo. Bazama ukubonisa eyona ndawo ingalunganga yaloo mbewu isikelelweyo, kodwa uThixo yena wambonisa eyona ndawo ingcono yayo. Wathi, “Nabani na oqalekisa uSirayeli uyakuqalekiswa, nalowo umsikelelayo uyakusikelelwa.” Kwayekelelwa ke wanqumla amathafa uSirayeli. UThixo wayeyibeke ngedinga ukuba uyakulidla ilifa isango lotshaba lwakhe.

22 Ekuhambeni kwethuba, eminyakeni, kwavela omnye owayenguDaniyeli ngegama, owayekumlibo wale Mbewu ithembekileyo, ekumlibo wamadinga, ngokuba wayeyiMbewu ka-Abraham. Yaye uThixo wayemnyule ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba abe ngumprofeti waKhe, waphila ngokukhalipha waphila ngokuthembeka. Nkqu nakwilizwe lasemzini, wagqiba entliziyweni yakhe, “Andisayi kuzingcolisa kunye nabo.” Nantso iMbewu yenene ka-Abraham; ehlala kumhlaba owahlukileyo, ephila phakathi kwabantu abahlukileyo, ukanti wayesakhaliphile kweloo dinga. “Andisayi kuzingcolisa kunye nabo. Ndiyakuhlala ndinyanisekile.”

23 UThixo wamfaka esilingweni njengoko Wenzayo kuyise, u-Abraham. Waze wathi ukumkani, “Kuyakuba phakathi kokuba ufane nomnye wethu unqule ngendlela esinqula ngayo, kungenjalo ndiyakukujulela emhadini ozele zingonyama ezilambileyo.”

24 UDaniyeli, njengoyise u-Abraham, wathi, “Ungandijulela emhadini wengonyama, kodwa andisayi kuqubuda kuwo nawuphi na umfanekiso oqingqiweyo. Andisayi kuthabatha unqulo olupholileyo. Ndiyakuhlala ndinyanisekile kuYehova.”

25 Kwafika ke ithuba lamanqam ngoko. Ukumkani wasigcina isithembiso sakhe wamhlasela umprofeti lowo, okanye wathi mabamthabathe bamjulele emhadini wengonyama. Zathi nje iingonyama, utshaba lukaDaniyeli, zangxama ukuya kumprofeti, uThixo wayeligcinile idinga laKhe. Walidla ilifa isango lotshaba lwakhe. UThixo wemisa iNgelosi apho phambi kwezo ngonyama, walithimba isango. UThixo uyaligcina idinga laKhe. “Uyakulidla ilifa isango lotshaba lwakhe.” Wayetshilo uThixo.

26 Kwaze kwakho abangabanye abathathu apho ezantsi ababezibandakanye ngokunyaniseka kwakuloo nto, ababeyiMbewu yenene ka-Abraham, abo ke yayinguShedreki no-Misheki no-Abdenego, baze ke bangeniswa ekulingweni. Bathi ke bona, "Ukuba aniqubudi kwakukhala umrhubhe nexilongo livuthelwe, ukuba aniqubudi kunqulo lwethu, nimnke kwezi zinto ni—nimele zona! Kwaye ninonke anikho mthethweni phofu. Inkolo yenu ayiyidlule nganto eyeyomnye umntu." Asiyilento siyiva lonke ixesha leyo? Kodwa i—inkolo kaYesu Kristu yahlukile. Amandla ovuko lwaKhe ahlukile. Singabantu abahlukileyo, abantu abayinqobo, isibingeleli esibukumkani. NguThixo owenza umahluko.

27 Kodwa bathi bakuthi, "Nimelwe kukuba nibe ngabahlangene nathi." Ngekwakulungile kuShedreki noMisheki no-Abdenego ukuba babefuna ukungenelela kubo, kodwa babengenakuze bazihlanganise babe banye neentlanga. Ngoku, bathi, "Ukuba aniyenzi loo nto, sinomnyango ophuma apha oya kwiziko lomlilo, esinokuwuvula sinijule ngaphakathi kulo, kwaye niyakunqwenela ukuba ngenizibandakanye nathi."

28 Balikhumbula idinga. Babaxhesha babehlisela kanye kwiziko lomlilo. Baze bathi bakuluvula ucango babajulela emadangatyeni, utshaba lwabo olwaluzakubadla lubagqibe, bawathimba amasango otshaba lwabo. UThixo wathumela uNyana waKhe wangena kuloo malangatye omlilo wayipholisa imimoya, wathetha nabo ngeli thuba babengaphakathi apho. Idinga likaThixo lahlala linyanisekile. Balidla ilifa isango lotshaba. Bavavanywa kuqala, baze balithimba isango lotshaba.

Yayingenguye uYesu Owabeka isithembiso? "Ukuba nithe nakhubekisa nomnye kwaba bangabona bancinane, bekuya kuba ngcono ukuba nigangxwe ilitye lokusila entanyeni nintywiliselwe enzulwini yolwandle. Musani ukuzisa kwa isikhubekiso kwaba bangabona bancinane bakholwayo kuM. Kwaye nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo kuM."

29 Wenza umahluko. Wabonakalalisa ukuba ngoobani na ababekholwa nababengakholwa.

Kukho, njalo, mathathu amaqela abantu, lawo ngala: ongakholwayo, ikholwa lokuzenzisa, nekholwa. Kodwa uThixo unendlela yokuqondakalalisa ukuba ngowuphi na olikholwa. Ikholwa lima liqine koko uThixo athe kuyiNyaniso. Ewe.

30 Yayingu-Eliya, waseThishbhi, kwakufika ithuba lomboniso wamandla, wade wacinga ukuba yayinguye kuphela esizweni owayesaphilela uThixo. Ukumkani ke wayezakumfaka eluvavanyweni. Kwaye bamtshutshisa. Nalowo mncinci, uziqabileyo ukumkanikazi, ogama lingu-Izebhele, wabugrogrisa ubomi bakhe. Kwathi kwakufika ithuba

lomboniso wamandla, u-Eliya wawathimba amasango otshaba lwakhe wasiguqula sonke isizwe sabuyela kuThixo kwakhona. UThixo uyasigcina isithembiso saKhe.

31 YayinguMoses, ekubeni kananjalo wayekuloo mlilo weMbewu yobukumkani, iMbewu ka-Abraham, owathi akuthunyelwa ezantsi eYiphutha, ukuya kukhulula abantwana bakaSirayeli; uThixo emnike imiqondiso nemimangaliso ukuba ayenze, nokuze abethe ilizwe, nokuze avelise amasele, iingcongconi, nobumnyama, nesichotho, nemvula, nomlilo, wabe eyenze yonke le mimangaliso. Ukanti, wathi akubakhokela wabakhupha ngesandla sikaYehova, kwafika ithuba apho wahlangana khona nesango limi phakathi kwakhe nelizwe ledinga. Kwakukho ulwandle oluBomvu, umqobo onqumleze indlela. Babengqingwe ngumkhosi kaFaro, iintaba, neentlango, noLwandle oluBomvu. Kodwa uMoses wathi qengqe ngaphambili walithimba isango lotshaba lwakhe, wanqumla uLwandle oluBomvu, lilunxweme olomileyo, njengoko wayehamba kwindlela enothuli. "Uyakulidla ilifa isango lotshaba." UThixo utshilo, ngoko kuphelele apho.

32 Kwakukwiminyaka nje embalwa emva koko ekufikeni kwezilingo, laza ibandla lashukunyiswa lonke, njengoko kulula kangako kwindibano yabantu ukwenza xa into ikhangeleka ngokungathi ayenzeki ngendlela ebimelwe kukwenzeka ngayo. NguThixo owenza ukuba kube njalo. UThixo wenza ukuba kubekho ukungqubana ebandleni, "Wonke unyana ozayo kuThixo umelwe kukuba avavanywe, aqondwe, alingwe." Uvumela ukugula kukuhlasele. Uvumelwa izifo zibe phezu kwakho, ukukulinga akuqonde, ukuze abonise ihlabathi ukuba ngenene uyimbewu ka-Abraham. Uyivumela loo nto ngentando EyeyaKhe. Uvumela iinkxwaleko. Uvumela abahlobo ukuba bakujikele. Uvumela zonke ezi zinto, akukhulule uMtyholi, akuhende. Kwaye angayenza yonke loo nto kodwa akanakubuthabatha ubomi bakho. Anganako ukukuphosa kwikhuko lenkxwaleko. Angakuvukelisa ngabamelwane. Angajika ibandla livukelane nawe. Angenza phantse nantoni na, kwaye yintando kaThixo ukuba enze oko. Sifundiswa ukuba oko kunexabiso ngaphezu kwegolide kuthi.

33 Uthini ngo-Abraham no-Isake, phezu kwentaba, yena lowo wayenikwe isithembiso? Kwaze kwathi ngokunyaniseka kwakhe nokwazi kwakhe, nokholo lwakhe kuYehova, kungaloo nto, ngaloo nto yodwa, awathi uThixo wakhangela ezantsi wathi, "IMbewu yakhe iyakuwadla ilifa amasango. NdiZifungile ukuba ndiyakuzenza ezi zinto." Akukho mkhulu Awayenokufunga ngaye, koko WaZifunga.

Ngoko, ukuba Wavumela u-Abraham ukuba alingwe ade afikelele kwiqondo lokugqibela, Umelwe kukuba akulinge andilinge nam ukulungiselela loo mzuzu wokugqibela, eloo

thuba lokwenza isigqibo xa yonke into imnkile kuwe. Umelwe kukuma wedwa apho. [UMzalwana Branham unkqonkqoza epulpitini kabini—Mhl.] Haleluya! Nantso ke.

34 Ume wedwa. Uphume uthi, "Nokuba Angandibulala, ndisaya kuMthemba." Nantso imbewu ka-Abraham. Nguye Lowo ubeka idinga. "Akunamsebenzi nokuba bathini na abanye bebonke, benza ntoni na bebonke; indim nendlu yam, siyakukhonza uThixo." Wathi, "Ukuba abanye bebonke bathi, 'Akukho nto ayiyo lo. Yintlaninge nje yemihlali'; indim nendlu yam, siyakukhonza uThixo."

Yaye ndingathanda ukuma kunye noPawulos kanye kule ndawo, ndithi, "Ngaloo ndlela kuthiwa ye 'phambeneyo' ndimnqula ngoloo hlobo uThixo woobawo."

"Nokuba bangangabaphopholozi bangene ebandleni, nokuba bangaba ngabajija izinto, nokuba bangazizo zonke iintlobo zabaprofeti bobuxoki nayo yonke into engaphakathi ebandleni phakathi kwabantu, nasebumelwaneni nakuyo yonke into; kodwa mna nendlu yam, siyakukhonza iNkosi. Nakuba bonke benokuyeka ukuza, nokuba ibandla lingaqalisa ukubanda, liphole; mna nendlu yam, siyakukhonza iNkosi. Nokuba kungakho umntu owayethandazelwe waze akaphila; loo nto ayinakuthanani noko; indim nendlu yam, siyakukhonza iNkosi." Ukuvavanywa nezilingo.

35 Abantu abangabo abangenakuwa, kodwa uThixo unjalo. Umntu, ukuba ingqondo uyimilisele emntwini, uyakwenza impazamo. Mhlawumbi kungekho ngabom, kodwa uyakuyenza. UThixo umvumela ukuba ayenze ukuze Abe nokugungqisa ukholo lwakho lusuke emntwini. Ukholo lwethu alukho bulumkweni babantu, koko lukumandla ovuko lukaYesu Kristu. Nako apho iMbewu yenene ka-Abraham ilithembe khona idinga layo. Ngokuba, banokuba yiMbewu ka-Abraham kuphela xa besamnkela uMoya oyiNgcwele. BengenaMoya oyiNgcwele abayoMbewu ka-Abraham. Olwa kholo lunye lwaluku-Abraham lungena ngaphakathi kwikhola. Akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na okanye kuyinto echase kangakanani na, ikholwa liyamatsha libheke phambili kanye.

36 Iintlola zabuya zaze zathi, "Owu, bu—bududenge ukuzama. Akukho mfuneko yakuba sabheka phambili, ngokuba aba bantu bazezingako izigebenga kweliya cala. Yaye banoorhulumente abakhulu, bane—banezikrweqe, kwaye, kuba, sikhangeleka nangokwemicikwane ecaleni kwabo."

37 Andazi, kodwa ndiyisekela ukuba ndikholwe apha ukuba uYoshuwa wayeyintwana encinane nje yentsumpa, intwana encinane nje, umfo ongenamzimba. Ingathi ndiyambona exhuma, phezu—phezu kohlobo oluthile lwebhokisi, wathi, "Madoda bazalwana," ebhekisa kwizigidi ezibini zabantu,

“singaphaya kokuba nako ukubathimba.” Yabona? Kuba? Yayiyiyo leyo iMbewu ka-Abraham. UThixo wabeka idinga. Yayililifa labo elo. UThixo wayebeke ngedinga. Akunamsebenzi nokuba yayiyintoni na echasene nabo, iMbewu yenyaniso ka-Abraham yathi, “Sinokulithabatha ngokuba uThixo walinika thina.”

38 Naku apho umi khona kusasanje. [UMzalwana uBranham uqhwaba izandla kabini—Mhl.] Naku apho limi khona iBandla loThixo ophilileyo. Andikhathali nokuba ngubani na othini na, nokuba ugqirha uthini na, nokuba nantoni na, nokuba ongakholwayo uthini na, sinokungaphezu kokumelana nayo nantoni na ethi gqi. SiyiMbewu ka-Abraham, yaye siyakulidla ilifa isango lotshaba lwethu, akunamsebenzi nokuba luyintoni na utshaba olo. NguThixo owamisa idinga. Yayilelabo, ililifa labo.

39 Impiliso lilifa lakho. Usindiso lilifa lakho. UMoya oyiNgcwele lilifa lakho yaye kukho abakhulu, amawaka abashumayeli nokunjalo kweli lizwe namhlanje, abathi, “Akunjalo.” Kodwa iMbewu ka-Abraham iyazi ukuba kunjalo. Igruphula kanye ingene ithimbe amasango otshaba. UThixo wathi iyakwenza njalo. Bayakholwa kuloo nto ngokuba isisithembiso. “IMbewu yakhe iyakulidla ilifa isango lotshaba.” Ngoku uyakudlula ekuvavanyweni, izilingo.

40 UYoshuwa ke wema apho, ethembekile. Lo mfo mncinane wathi, “Andikhathali nokuba bakhulu kangakanani na. Andikhathali nokuba hlobo luni na lwesikrweqe abanaso, nokuba zibiyelwe ngeendonga ezinde kangakanani na izixeko zabo, nokuba zikhulu kangakanani na. Idinga lethu leli, ukuba, ‘Isango liyakudliwa ilifa yiMbewu yabantwana bakaThixo,’ yaye siyawela ukuya kubathimba. Singaphaya kokumelana nabo.” Owu, nantso iMbewu yenyaniso.

41 Abaninzi babo ababezelwe, ngembewu yemvelo, bathi, “Asinakuba nako nje ukuyenza loo nto. Akukho kwamfuneko yakuzama. Yabona, siyabethwa ngamanani. Sesigwebekile; siyiyo yonke loo nto.” Akunamsebenzi, wayengeke . . . Babekhangele kuloo nto, yabona, loo nto yayibonwa liliso. UYoshuwa ke wayekhangele koko kwakuthethwe nguThixo.

42 IMbewu ka-Abraham ayikhangeli nakwiyiphi na kwizinto zemvelo. Ikhangela koko kuthethwe yiNkosi. Naso isithembiso. Kwakunokuthini ukuba u-Abraham ngewayekhangele kwizinto zemvelo? Kumfazi onekhulu leminyaka ubudala . . . Amashumi alithoba, wayenawo. Yena ke wayenekhulu. Kwaye wayehleli naye ukusukela eseyintombazana encinane, yena eseyinkwenkwe encinci, yaye kwakungekho mbewu. Akazange akhangele kwezo zinto. Wathi wazibalela ezoo zinto ekubeni zazingekho, kuba wayekhangele kuphela koko kwakuthethwe nguThixo. “Ndiyakukusikelela, Abraham, ndaye

ndiyakukunika imbewu ngoSara." Waze wakholwa yiloo nto. Awukhangeli koko kuchasene nawe. Sikhangela koko kwathethwa nguThixo. UThixo wayithetha, loo nto iyenza igqibelele.

43 Ngoko wathi akuhla aye eYordane, xa uYoshuwa wayenziwe umphathi mkhosi oyintloko, baze behla baya kufika kanye kwincam yamanzi babe babenokuwela bayibone iYeriko. Kodwa, phakathi kwabo, xa uYoshuwa sele ewulungisile umkhosi wakhe, kwakukho isango. Isango elo lalibizwa ngokuba yiYordane.

Kodwa idinga likaThixo lilunge kulo lonke isango. Kungenamsebenzi nokuba sango lini na, isithembiso sikaThixo silungile. "Uyakuwadla ilifa amasango otshaba lwakhe." Igqibelele apho.

Wathi akufika ezantsi eYordane ngaloo ntsasa, mhlawumbi, ndizakukholelwa ukuba uMtyholi wayenamafu esitshingitshane ejinga kuyo yonke indawo, loo manzi madala anodaka egquma esihla, amasimi ayenqunyulwe phakathi sisikhukula. Owu, elinjani ixesha lokulingwa! Kodwa uYoshuwa wathi, "Zilungiseleleni, nizakulubona uZuko lukaThixo." Bazingcwalisa ke bazilungiselela, belungiselela ngeli thuba yonke into yayikhangeleka ichasene noko. Kodwa yayiyiMbewu ka-Abraham leyo, awathi uThixo wafunga, "Ndiyakulinika yena isango." Waya kufika kwiYordane, yayilisango lakhe elo, kwaye walidla ilifa.

44 Ngenye yezi ntsasa ndimelwe kukufika kweloo sango lokugqibela nam. Umelwe kukufika kwiYordane ethile, kodwa iMbewu ka-Abraham ilidla ilifa isango. Akunamsebenzi nokuba liyintoni na, iyakulidla ilifa isango lalo lonke utshaba.

45 Onke loo madoda ayengamadoda abalulekileyo. Afa esemgceni. Kodwa, ekugqibeleni, ngenye imini eBhetelehem kaYuda, iMbewu yoBukumkani yazalwa. Oko kukuthi, zonke ezinye ezo zazizithunzi nje. IMbewu yoBukumkani yazalwa, ingazalwa yindoda. Koko Yazalwa yintombi eseyintombi, inaMandla kwimithambo yaYo ukuze yeyise ukufa nelabafileyo. UThixo wayebeke idinga. Kwaye umntu nje oqhelekileyo wayengenakuyenza loo nto. Kodwa ukuba uThixo uthembisile, usekwanguThixo omnye Lowo ebenguye kwimizuzu embalwa ngaphambili, eku-Abraham, uJehova-jireh, iNkosi iyabonelela ngendlela yokuthimba isango. Sizakuyenza njani loo nto? UYoshuwa wafa. UMoses wafa. Bebonke bafa. Kodwa uThixo wathi, "Iyakudla ilifa amasango otshaba lwayo." Iyakukudla ilifa njani ukufa? Unendlela yokuzenza izinto. "Iyakulidla ilifa isango lotshaba lwayo."

46 IMbewu yoBukumkani yazalwa. Yalingwa ngayo yonke indlela njengokuba kusenziwa kuthi. Kanye njengokuba umelwe kukuba uhendwe, wenziwa njalo naYe. UMtyholi

waMthabatha ngokukhawuleza, akuba Amnkele uMoya oyiNgcwele, waya kumngenisa entlango isithuba seentsuku ezingamashumi amane nobusuku, ukuze alingwe. Waza wathi ukuphuma kwaKhe . . . Nasekufeni kwaKhe, wagqobhoza izikhonkwane ezandleni zaKhe, baMtshicela ebusweni. Wangena kulo lonke uhlobo lokugula. Kodwa xa Wayelapha phezu komhlaba, waqondakalalisa ukuba Wayenako ukweyisa ukugula. Xa umkhwekazi kaPetros wayelele egula, enedumbe, wachukumisa isandla sakhe wemnka kuye umkhuhlane. Xa oneqhenqa wakhwazayo esangweni, "Andihlambulukanga! Andihlambulukanga! Ukuba Uyakuthanda, Ungandiphilisa."

47 Wathi, "Ndiyathanda. Hlambuluka." Weyisa wathimba isango leqhenqa. Wathimba isango lemikhuhlane wenza yonke indalo ukuba iMthobele.

WayeyiMbewu ka-Abraham, iMbewu yoBukumkani, yona Leyo kwakunikwe idinga kuyo; kuYe, u-Abraham nayo yonke iMbewu eyamlandelayo, ukuya kuma kwiMbewu yoBukumkani, nakuyo yonke iMbewu esemva kwaKhe. Idinga likaThixo liyinyaniso. Wakoyisa ukukugula.

Woyisa isilingo. Xa utshaba lwatshicela ebusweni kuYe, Lwambetha emhlathini, Waguquka wezisa elinye icala. Baxhwitha iindevu ebusweni baKhe baMtshicela, Akazange aphindise. Woyisa isango lesilingo walithimba.

48 Ngoko wena uthi, "Umlingi wam akavumi ndiyenze loo nto." Wena, Mbewu ka-Abraham, ewe, mhlekazi, Wakoyisela loo nto.

49 Xa Wayecatshukiswa, Akazange aphindise ngokucaphuka. Xa kwakuhlekiswa ngaYe, Wazola Wathula. Xa Wabizwa ngokuba nguMtyholi, Wazola Wathula. Wayengaxakekanga nakanye, yaye lowo ngumcimbi kaBawo, Wahamba ejikeleza esenza wona. Ngoko, ekugqibeleni, baMthabatha bamsa kumnqamlezo othile. Ukufa kwakumelwe kukuhlangana naYe. Bonke abanye abaya boyisa iilwandle, baze boyisa indalo, baze boyisa iingonyama, baze boyisa umlilo. Baboyise yonke enye into ngaphandle kokufa. Kodwa kwakukho Lo kwakubetha engqondweni yaKhe, emithanjeni yaKhe, nowayenaMandla okoyisa ukufa. Ngoko bathabatha izandla zaKhe baMolula baMbethelela emnqamlezweni. BaMbetha baMtyabula ade amathambo aKhe aMjonga. Kodwa bathi bakwenza njalo, baze benza konke ababenokukwenza, ukufa kwaMhlasela, kwathi, "Ngoku ndiza kuKuthabatha njengokuba ndenzayo kuYoshuwa. Ndiza kuKuthabatha njengokuba ndenzayo kuDaniyeli. Kwaye ndiyakukwenza konke oku, ngokuba ndiza kukwenza Ufe."

50 Yaye Wafa lade ilanga lanentloni ngesiqu salo. Wafa yade indalo yanentloni yasilela ukusebenza. Ilanga latshona esizikithini semini. Iinkwenkwezi azizange zivume ukuphuma.

Wafa ngokokude yonke into ekhoyo ibe mnyama kangako ungabi nako nokubona isandla sakho phambi kwakho, ezinzulwini zemini. Ingathi ndiyayiva indalo isithi, “Mandife kunye naYe.”

51 Mzalwana! Ngoko uMtyholi wathumela umphefumlo waKhe onexabiso waya kungena kwiinzonzobila zesihogo. Apho avuleka amasango, kodwa Waphuma ngomhla wesithathu, esoyisile. Amen. “IMbewu yaKhe iyakulidla ilifa isango lotshaba.” Ekoyisile ukufa! Wasoyisa isihogo. Ngentsasa yokuqala yePasika, Woyisa ingcwaba. Ngoku thina simile, singaphezu kwabeyisi, ngaLowo Wasithandayo.

52 Ngomhla wePentekoste Wathumela wathoba uMoya oyiNgcwele, ukuze uqhubele phambili, ngeeNtlanga, ukuza kukhupha iMbewu yesithembiso. Ukuza kupha iiNtlanga, abalahlelwa ngaphandle, ukuza kunikezela kubo ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, ukubangenisa ngaphakathi kwiDinga. Ngoku sinelungelo lokoyisa konke ukugula. Asimelwanga kukukoyisa; sele koyisiwe. Simelwe nje kukubanga isithembiso siye kukuthimba. Sele koyisiwe. Ukufa koyisiwe. Elabafileyo loyisiwe. Ukugula koyisiwe. Isilingo soyisiwe. Zonke iidemoni zoyisiwe. Isihogo soyisiwe. Ukufa koyisiwe. Ingcwaba loyisiwe. Simi esangweni, silithimba, asimelwe kukuba sidubule. Sele lihlawulelwe.

53 Utshaba lwakhe, Uyakudla ilifa isango lotshaba lwakhe. Bangaphi ngamawaka ezigidi. Uyakulidla ilifa isango lotshaba lwakhe, lonke utshaba. Wavuka kwabafileyo. Siyidla ilifa loo nto ngokuba wasipha yona. Iyonke isisipho sesisa. Ngaphandle kwako konke oko, nayo yonke into Awayenzayo, waza woyisa lonke isango. Woyisa ukugula, wathimba isango. Inye into esimelwe kukuyenza kukuhamba singene kulo, sithi, “EGameni likaYesu Kristu, uMeyisi!” Amen.

54 Xa kufikelela ekufeni, ukufa ke kwathi, “Ndikhangeleni ndiyakumenza alubuyise umva unqulo lwaKhe.”

55 “EGameni likaYesu Kristu waseNazarethe, songeka ubuye umva, Yordane!” IMbewu ka-Abraham iyalithimba isango.

56 Kuba, uPawulos wathi, xa babelungiselela ukunqumla intloko yakhe, iMbewu ka-Abraham, wathi, “Kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Makubulelwe kuThixo Osinika uloyiso ngoYesu Kristu.”

57 Iyakudla ilifa isango lotshaba lwayo, ilithimbe. Ngoku, akayi kungxwelerhwa esangweni. Uyakuleyisa alithimbe. Uyakudla ilifa. Oko kuseMandleni angawakhe.

58 EBandleni loThixo ophilileyo, ngale ntsasa, alapho aMandla okuphilisa konke ukugula. KwiBandla loThixo ophilileyo alapho aMandla okoyisa sonke isilingo. Phantsi kolawulo lweBandla loThixo ophilileyo, ngale ntsasa, alapho ke aMandla okukhonkxa isono silahlelwe kude, nokwamnkela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, kwiBandla likaYesu Kristu.

"Nantoni na eniyinqwenelayo, yiceleni eGameni laM, naye niyakuyenzelwa. Kusaya kuba mzuzwana, ihlabathi (hayi iMbewu, imbewu engantshulanga) lingabi saNdibona. Nina ke niyakuNdibona, kuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheliswenì kwehlabathi." Intoni? IMbewu yoBukumkani. "Imisebenzi endiyenzayo Mna, niyakuyenza nani. NdiyakuZiqinisekisa ukuba Ndinani, kuba le miqondiso iyakulandelana nabo bakholiweyo."

Uyakudla ilifa imbewu yotshaba lwakhe. Uyakuyidla ilifa. IMbewu yakhe iyakudla ilifa isango lotshaba lwayo, kungenamsebenzi nokuba yintoni na isango elo. Ukuba likukugula, izilingo, isono, nokuba liyintoni na isango elo, loyisiwe. Kwaye iMbewu ka-Abraham ilidla ilifa.

59 Anivuyi, kusasanje, ukwazi ukuba simi ngoku singaphezu kwabeyisi, singaphezu komeyisi? Owu, akukho nto simelwe kukulwa ngayo. Umlo uphelile. Ikhwelo likhalile. Iphakanyisiwe iflegi. Yaye phakathi kwayo yonke imfumba yesono, phakathi kwako konke okwegumbi labagulayo, kukho umnqamlezo wakudala ogadalala, otyelwe ngeGazi likaYesu Kristu umeyisi. Inye into esimelwe kukuyenza kukukholwa, khangela uphile.

"Ndiyakuba nani. Ndiyakuyiqondakalalisa loo nto. Abantu bayakungena ngemihla yokugqibela, bathi, 'Owu, ke, loo nto *yayikho*.' Kodwa ndiyakuba nani. Ukuze kwa ezo zinto ndazenzayo, apha phezu komhlaba, ndiyakuba kuni, ndisenza kwa ezo zinto. Ngoko ke bayakwazi. BayakuNdibona. Ii . . . Abantu bam bayakuNdibona. IMbewu ka-Abraham iyakuNdibona. BayakuNdazi. BayakuNdiqaphela. Abanye bayakuNdibiza ngokuba, 'Bhelezabhule,' kanye njengokuba benzile. Kodwa nina niyakuNdazi, kuba Ndiyakuba nani. NiyakuNdibona, nindibone ngeliso lenu. NiyakuNdibona, kuba ndiyakuba nani, kude kube sekupheliswenì kwehlabathi, kwa ezo zinto Ndizenzayo. Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye, uhlobo olunye lwemisebenzi."

60 Kwaye, namhlanje, iBandla loThixo ophilileyo linecham lokuma libone ukweyisa, uYesu Kristu ovukileyo, uNyana kaThixo ophilileyo, emi ekho, ephila kwiBandla laKhe, esenza kwa ezo zinto Wazenza ngoko. Ngoko siyalithimba isango lalo lonke utshaba.

61 Ukuba unotshaba ngale ntsasa, ngoko, mzalwana wam, inye . . . Ukuba uyiMbewu ka-Abraham, emva kokuba uve oku, akukho ziidemoni zaneleyo esihogweni ezinokugcina olo sango lumi phambi kwakho. Liyakuvuleka. Andikhathali nokuba liyintoni na. Uhamba nje uye, njengeMbewu yedinga, uthi, "Ndibanga oku ukuba kokwam. Oku kokwam, ngokuba uThixo wafunga ukuba Uyakuvusa uYesu, kwaye, ngoYesu

ndiyakuleyisa. Ndiza eGameni laloo Meyisi, uYesu Kristu. Buya umva. Ndiyedlula." Amen. "Iyakudla ilifa isango lotshaba." Ukuze ume apho, amagxa akho ebuye umva ikhaka lakho libengezela, ugqunywe ngeGazi leNkosi uYesu. Utshaba luyakuyiqonda loo nto.

62 Ukuba uneentswelo. Thetha naYe ngoku ngeli thuba sithandazayo, nina balapha ngaphakathi, kusasanje, ngeli thuba nizithobileyo iintloko zenu. Kwaye ukuba unentswelo, awungesiphakamiseli kuYesu isandla saKho? Uyithethe nje entliziyweni yakho loo nto, entliziyweni yakho, uthi, "Nkosi, uyayazi intswelo yam. Ngoku, ndivile, ngale ntsasa, kwaye yiBhayibhile, leyo, 'Iyakulidla ilifa isango lotshaba.' Ndiyeza ukuza kudla ilifa isango. Mhlawumbi ndinomsindo. Mhlawumbi ndiswele uMoya oyiNgcwele. Isono sindibophele phantsi. Ndineentswelo. Kodwa ndiza kwisango ngoku. Ndiza kulithimba, ngale ntsasa, isango lam. Ngoko, vula indlela, ndiyawela."

63 Nkosi elungileyo, uZibonile ezi zandla. Kwaye uyazi ukuba eli liLizwi laKho, Nkosi. Ndicaphule lona kuphela, ndaza ndezisa iZibhalo. Abalinganiswa beBhayibhile, indlela abathi ngayo beyisa izikumkani benza ubulungisa, bacima imililo, amandla omlilo, basinda kwintlangothi zekrele, bavingca imilomo yeengonyama, kwaye, owu, ngaphezu koko, abafazi babazuza abafileyo babo bephilile, nezinto ezininzi, ngokuba Wathembisa ngazo. Zilidinga laKho, "IMbewu yakhe." "IMbewu yakho, Abraham, iyakulidla ilifa isango lotshaba." Kwaye Uyasigcina isithembiso saKho.

64 Ngoku banike, Nkosi, umnqweno wentliziyo yabo. Banga bangaphuma apha bengumntu owahlukileyo. Banga bangahamba, besazi ukuba—ukuba bangabeyisi, ngokuba iMbewu yoBukumkani iboyisele. UKumkani weGazi, xa Wezayo, wazalwa yintombi eseyintombi, Woyisa lonke utshaba, nkqu nokufa. Ngoko ukufa ngokwako akunakuyothusa iMbewu ka-Abraham. Sinalo idinga lokuba siyakulidla ilifa ihlabathi, kwaye siyakubuya kwakhona ngendlela eyeyobuqaqawuli ngakumbi, sikumzimba wozuko, emva kokuba utshaba lokugqibela lubekwe phantsi kweenyawo, zowokuphela kwakhe nowokugqibela umntwana kaThixo oyakungena eBukumkanini.

65 Ukuba kukho abo baphakamise izandla zabo, Nkosi, bengaboni, basindise. Abo bakreqileyo, mabazi ukuba abamelwe kukuhlala bengabakreqi. Unako ukulidla ilifa isango lokukreqa. Wanga lowo unomsindo, i—isithuko, ulwimi olungcolileyo, okanye intliziyo enenkanuko, okanye enyolukileyo, ngakwimali, okanye—okanye into ethile engcolileyo, mabazi ukuba banokulidla ilifa isango. Mhlawumbi kukugula, Nkosi, iinkxwaleko. Bangalidla ilifa isango, "Kuba Wahlatywa ngenxa yezikreqo zethu,

watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa. Ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwaKhe, siphiliswe ngemivumbo yaKhe." Singabeyisi, ngale ntsasa. Siphe oko, Nkosi.

Yaye ngaphandle kwako konke oko, laa msebenzi mkhulu wawenzayo ngaYe, kanti Yena unathi. Ukanti, Wathembisa ukuba Uyakuwenza. "Kusaya kuba mzuzwana ihlabathi lingabi saNdibona, nina ke niyakuNdibona; kuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheliswen kwesigaba sexesha." Ndiyathandaza, Bawo, ukuba UzaZise kuye ngamnye, ngale ntsasa. Kuba oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

66 Niyakholwa ukuba yiNyaniso leyo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngokusulungekileyo kholwa kuloo nto ukuba iyiNyaniso, ungenako nokuncinane ukuthandabuza entliziyweni yakho. Ngoku khumbula nje oku. Ukusebenza kukaMoya oyiNgcwele kuyinto ethobeke kangangokuba kuyayidida ingqondo yengqondi. Eyona nto ilula ndakhe nda . . . Ndikhe ndabona uMoya oyiNgcwele uyenza lento. Ndingathetha izinto, kuba, endingenakucinga ngazo ukuba zilolo hlobo. Ukuba bendinokusebenzisa ingqondo eyeyam, "Ke, loo nto ayinakuba njalo." Kodwa ihlala iyinyaniso njalo. Wenza izinto ezilula kangako. Kwaye wenza izinto zokuzaZisa ebantwini bakhe. UThixo unabantu baKhe. Uphakathi kwabantu baKhe. Uyabathanda. Kwaye Ufuna ukubenzela, nokubanceda; nokwenzela nje ukuba bazi, hayi oko *Ayakukwenza*, koko oko Wakwenzayo. Sele ekwenzile. Okwakho. Kukokwakho. Kusisipho sesisa esivela kuThixo uBawo wethu, kusiya kwiBandla.

67 Ngoku indlela eyakujijeka ngayo ingqono yobungqondi, njengakwimihla kaDaniyeli, nangemihla yabantwana bamaHebhere, na—nakwabaninzi esithethe ngabo ngale ntsasa. Yabona, ihlabathi elikhulu lezobungqondi ngaloo mhla lalilikhuni ukuba lingoyiswa njengokuba linjalo ngoku. Kwahlala kulutshaba, kwindlela yokubona yokubona kwabo, nenzululwazi yabo yangoku nezinto ezinjalo, yayiyengaqondekiyo nezinto ezinjalo, kwingqondo ngoko, njengokuba injalo eyethu namhlanje. Yabona, kwakuyinto enye. Kodwa kwakukho abo, njalo, babengazimisele kuhlala apho baze bathi, "UThixo unyanisile. ILizwi likaThixo liyinyaniso."

68 Kwaye, wena, awumelwanga kukuba woyise, ngokuba Yena Woyisa. Inye into omelwe kukuyenza kukuthi nje unyuke uyithabathe ume esangweni, uthi, "Lelam. Eli lelam. UThixo wandinika lona, usindiso lwam. Ukuba ndifuna uMoya oyiNgcwele, uThixo wandinika Wona. Idinga lelam, lelabantwana bam, nabo bonke abasekude, abasukuba iNkosi iyakubabiza." Yiloo nto ndimileyo. Nje . . .

69 Ulungiselelo lwam, lolucalulo lweengcinga njalo njalo, luza kufikelela esiphelweni kwamsinya ngoku. Owu, luyakuhlala lukho. Kodwa luyakukuphelisa kwangoku oku, kuba luyakwenza into enkulwana. Yabona? Luyenyuka; ukusuka ekubambeni isandla, ukuya ekucaluleni iingcinga, ke ngoku lulungiselela ukwenza olunye. Yabona? Uyayibona. Yikhangele wazi ukuba yinyaniso leyo. Yabona? Ndiyazi ukuba kuyiNyaniso. Luya kuya lusiba lukhulu, lube phezulwana, lube ngcono. Ngokuqinisekileyo. Kuba, Wathembisa ngaloo nto. Kwaye oko Akuthembisileyo, Uyakwenza. Akangekhe asilele kwidinga laKhe. Liyintoni ke? BuBukho baKhe obuphilileyo bukunye nathi, ukuze ulenze, lunazise ukuba Ulithimbele isango.

70 WayeyiMbewu yoBukumkani. Akukho mntu wayenokuwathimba loo masango ingenguYe. Bonke abo bakudala babezizithunzi zokuza kwaKhe. Kodwa Akufika, oko kwaphelisa wonke umlo. Umlo wawugqityiwe eGetsemane naseKalvari. Ke ngoku simi nje, singaboyisayo. Akusekho kulwa kuyakwenziwa. . . . Umlo uphelile. Kukokwethu nje, isiqinisekiso sobunini soko. Isiqinisekiso esibhaliweyo kuThixo, uBawo wethu, Owasiphakamisayo isandla saKhe, wathi, "NdiZifungile ukuba iMbewu yaKhe iyakulidla ilifa isango lotshaba." Nalo ke. Selithatyathiwe. "*Wahlatywa* ngenxa yezikreqo zethu. Ngemivumbo yakhe *saphiliswa*." Yinto esele yenziwe. Ngumsebenzi ogqityiweyo. Ungowethu nje. "Yaye imisebenzi endiyenzayo Mna, niyakuyenza nani." UKumkani ekunye nathi, kusasanje, iintsikelelo zakhe ezibalulekileyo, uMoya oyiNgcwele, uhamba phezu kwethu. Ukuva oku kuvakala kungcwele, ukwazi ukuba ngokuchanekileyo . . . usemgceni neLizwi likaThixo. Oko kusinika intuthuzelo emangalisa kakhulu, ukwazi ukuba—ukuba uThixo unguBawo wethu.

71 Ngoku, ndiyakholwa, ingaba u—ingaba uwakhuphile amakhadi omthandazo ngale ntsasa? Bendimxelele, kulungile, ukuba bekungekho bantu ngaphandle kwabantu balapha emnqubeni, ke, maze kungakhutshwa makhadi omthandazo. Kodwa ukuba kukho—ukuba kukho abangangeshumi, ishumi elinesihlanu labantu, okanye into enjalo, abantu abangabasemzini emasangweni, kuba, khuphani amakhadi omthandazo, ukuze sibe nokubenyusa sibathandazele. Bangaphi abaziindwendwe phakathi ngale ntsasa? Phakamisa isandla. Owu, bethu! Ngokuqinisekileyo. Kukho ishumi elinesihlanu okanye amashumi amabini azo. Kulungile. Siza kuwemisa ngomgca la makhadi omthandazo sibenyusele eqongeni. Yabona, isizathu sokuba ndithethe ngabantu base "mnqubeni", balapha bona.

72 Oku kucalulwa kweengcinga. Khumbula, ndiyakuthetha oku. Ukucalulwa kweengcinga kuza kufikelela esiphelweni

kamsinya. Kuya kubakho into ethile enkulu kangako nengcono ngokungako, ikolo hlobo kanye. Bebekho, endibaziyo, njengokuba ndikhangele kubazalwana ababini ngoku, ebebemi kunye nam izolo, ekwenzekeni kwaloo nto, yabona, nakusuku olungaphambi koko, ekwenzekeni kwaloo nto. Oko ke ngamatyeli amathathu elandelelana, ngoku, kwenzekile, ubungqina bokuba loo nto isondele kanye ngoku, yabona, izakwenzeka kanye.

73 Ngoku, Nkosi, Wena unguThixo thina ke singabakhonzi baKho. SiyaKubulela ngenxa yeLizwi laKho, ngoMoya oyiNgcwele Ozisikeleleyo iintliziyo zethu. Ke ngoku sonwabile. Sihleli apha, sisazi ukuba singabeyisi. Sesiwathimbile amasango eentshaba. Anikelwe kuthi, yaye thina sinesitshixo esiphambili esandleni kuthi. IGama likaYesu Kristu liyaku—. . . vula lonke isango lotshaba. Thabatha esi sitshixo, isitshixo seGama likaYesu uze uv—. . . uvule lonke isango lotshaba elithe lakubopha ukuba ube kude kuso nasiphi na isithembiso.

Kwaye, Thixo, ngale ntsasa singena eGameni likaYesu, sinesi sitshixo, ukuze sivule amasango sivulela abagulayo nabaxhwalekileyo. Kuba kubhaliwe e—eLizwini laKho, "EGameni laM bayakukhupha iidemoni. Bayakuthetha ngeelwimi ezintsha. Kwaye bayakuphatha iinyoka, okanye xa bathe basela into ebulalayo, ayisayi kubenzakalisa. Bayakubeka izandla zabo phezu kwemilwelwe iphile." Siyazi ukuba ezoo zinto ziyinyaniso. Kwaye siphe, ngale ntsasa, Nkosi, ukuba zibe njalo, abantu bayakuba nokuyibona loo nto, ngesibonakalaliso seLizwi lenziwe inyama lihleli phakathi kwethu, ukuba, "Wahlatywa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ngemivumbo yaKhe saphiliswa." Kwaye banga bangayamnkela lo nto baphiliswe ngale ntsasa, kuko konke ukugula kwabo nezifo. Oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

74 Awunakudlala, Teddy, *Only Believe* ngokuzolileyo nangokucotha, ukuba uyakuba nako.

Nantoni? Ingaba uqale kwelo kuqala? Inani lokuqala, ikhadi lomthandazo. Elokuqala, elesibini, elesithathu, elesine, elesihlanu, elesithandathu, elesixhenxe, elesibhozo, ithoba, ishumi, okanye naliphi na elikhoyo. Kulungile. Aninakuthi ngokuzolileyo, ukuba ninokunyuka nize *kweli* cala.

[Kukho umntu othi, "Ubize amangaphi?"—Mhl.] Hee? [Kukho umntu othi, "Lilo elo, lilo elo."] Malunga . . .

Masibone, inani lokuqala, inani lesibini. Ngubani onekhadi lomthandazo lokuqala? [Kukho umzalwana othi, "Likum."] Ewe. Inani lesibini. Kulungile, mhlekazi. Inani lesithathu, inani lesine, inani lesihlanu, inani lesithandathu, inani lesixhenxe, inani lesibhozo, inani lethoba, inani leshumi.

75 Ngeli thuba bazivulela indlela besima ezindaweni zabo abamelwe kukuma kuzo, ndingathanda ukubuza umbuzo kwabanye benu aba. Bangaphi, ingaba bakho abantu balapha emnqubeni, abagulayo. Abantu balapha emnqubeni, phakamisa isandla sakho. Bamalunga nesihlanu . . . bane, bahlanu, bathandathu basixhenxe, basibhozo.Sisibhozo. Kungenjalo zilithoba izandla. Ingaba ukho umntu apha emnqubeni, ongekho apha emnqubeni, abazindwendwe kuthi, nakuba usenokuba ungene emva kwenkonzo wangalifumani ikhadi lomthandazo? Awungephakamisi isandla sakho? Nabani na oswele uThixo, onga . . . o—ongahambi kulo mnquba. Nabani na apha ongelolungu lalo mnquba, u—ube ugula ungenalo ikhadi lomthandazo, ufuna ukukhunjulwa emthandazweni? Awunakuphakamisa isandla sakho, wonke umntu? Kulungile. Ilungile loo nto. Kulungile.

76 Ngoku ndiza kunicela ukuba nihloniphe kangangoko ninokuba nako, okwe—okwemizuzwana embalwa nje, size ke siqalise kwangoko siqhube. Ngoku masibone. Singakanani isithuba esiseleyo, Mzalwana Billy? Kulungile. Ingaba linyukile inani leshumi ukuya phaya? Ndilibizile inani leshumi.

Ishumi elinanye, elinesibini, elinesithathu, elinesine, elinesihlanu, mabaphakame ngoku. Ukuba babenenani leshumi, ishumi elinanye, ishumi elinesibini, ishumi elinesithathu, ishumi elinesine, ishumi elinesihlanu, mabaphakame. Kulungile. Inye, zimbini, zintathu, zine, zintlanu, zintandathu, zisixhenxe, zisibhozo, lithoba, lishumi, elinanye, elinesibini, elinesithathu. Kusele malunga nababini ukusuka kwisinye ukuya kwishumi elinesihlanu. [UMzalwana Branham ubalela phantsi.—Mhl.] Ishumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu, ishumi elinesixhenxe, elinesibhozo, ishumi elinethoba, amashumi amabini.

77 Owu, yima okomzuzwana. Ndi—Ndikuxelele ukuba akhuphe amakhadi omthandazo kubantu abangengobalapha emnqubeni. Kunjalo. Yabona? Kuba, akungekhe kube, ukucalulwa kweengcinga. Abantu bothi, "Aba bantu bahamba kulo mnquba." Yabona? Ndi—Ndiyakuxelela. Bangaphi ababelapha . . . Abangazange babelapha ngaphambili? Masibone isandla sakho, akukho mntu wakhe wakho kwenye yenkonzo zam ngaphambili. Kulungile. Kulungile.

Ngoku, kulungile, okomzuzu nje ngoku, Mzalwana Teddy.

78 Ngoku ndisenokukuthetha oku, ukuba, nonke nake neva ngezi nkonzo, ukuba ziqhuba njani na, phofu, anizange nive, bonke abantu abakhe bakho ezinkonzweni? Yabona? Xa iNkosi yethu uYesu yayilapha emhlabeni, Ayizange ibange ukuba ingumphilisi. Yayiyimbewu ka-Abraham, ngokuqinisekileyo, kwaye Yayinalo kuYo idinga. Yathi yayingenzi nto ade uBawo

aYibonise. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Yaze Yathi, "Andinakwenza nto uBawo engandibonisanga ukuba ndiyenze." Waze Wayibonisa ngo . . . hayi "de uBawo *Andixelele*." "De uBawo *aNdibonise*." UYohane oNgcwele 5:19, "Oko Ndibona uBawo ekwenza, uNyana wenza kona."

79 Ngoku xa we—wezayo, sifumanisa ukuba, ekuqaleni kolungiselelo lwaKhe ukuba emva kokuba Wathabatha—isihlalo sikaDavide . . . [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] Xa sithetha ngokomoya i . . .

Xa uMoya oyiNgcwele wehlayo phezu kwaKhe elubhaptizweni, olukaYohane, Yena ke waba nguMesiya ongumthanjiswa. Ngoku khumbula, WayenguNyana kaThixo ekuzalweni kwaKhe. WayenguNyana kaThixo ozelwe yintombi eseyintombi. Kodwa ukuqala kwaKhe ukuba nguMesiya, kuxa uMoya oyiNgcwele waMhlelayo, kuba, *umesiya* uthetha "ngumthanjiswa." Yabona? Kwaye wayenguLowo uthanjisiweyo ngethuba lokuhla koMoya oyiNgcwele phezu kwaKhe. Nakhe nandiva ndishumayela nge*Mvana neHobe*. Size sifumanise ke ukuba xa Yena . . . Emva kokulingwa kwaKhe kweentsuku ezimashumi mane, Waphuma.

80 Lwaqala njani ke ulungiselelo lwaKhe, lwaze lwaphela kanjani? Sifumanisa ukuba, kulungiselelo lwaKhe kwakukho indoda eyayinegama elingu-Andreya, eyaphumayo yafumana umntakwayo, uSimon, umlobi, yamzisa kuYesu. UYesu wamxelela, wathi, "Igama lakho unguSimon. Igama likayihlo nguYona. Ukusukela ngoku kuyakuthiwa unguPetros, ntoleyo ithetha 'ilitye elincinane.'" Niyayikhumbula loo nto? Waze loo mfo wamangaliswa kakhulu yiloo nto wayixelelwa nguYesu. Ngoku, uMesiya wayemelwe kukwenza loo nto. Bangaphi abayaziyo loo nto, mabathi, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Wayezakuba ngumprofeti-thixo. Ewe, mhlekazi. UMoses wayethe, "INkosi uThixo wenu uyakunivelisela uMprofeti onjengam nje. Uyakuthi lowo ungamvanga lo Mprofeti anqanyulwe kubantu bakowabo."

81 Ngoku, sifumanisa ukuba kwakhona, emva koko, abaKhe . . . "Weza kwabangabaKhe." Yayingoobani abo? AmaJuda, ngokwemvelo. "Ke ngoku abo bangabaKhe abazange baMamkele." Ngoko Wathi ngoko . . . Ngoku imelwe kukuya kwiiNtlanga, yabona, kuba abangaBaKhe abazange bamaMkele. "Ke bonke abamaMkelayo, Wabanika igunya lokuba babengoonyana bakaThixo." Ngoko ke ngoku Ujikele kwiiNtlanga, kwaye kudala, malunga namawaka amabini eminyaka. Kodwa ngoku qaphela izinto Awazenzayo.

82 Ngoko uFiliphu, emva kokuba ekwenzile oku, wehla wafumana uNataniyeli, waza waxelela uNataniyeli ukuba ngubani owayemfumene nento Awayenzayo. Loo nto yammangalisa ke. Kwakunzima ukuba ayikholelwe. Kodwa

wathi akufika Phambi kweNkosi uYesu, wakufumanisa ukuba Wayephina na kanye, waza kungena kuBukho baKhe, uYesu wathi, “Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye.”

83 Ngoku, ukuba wawumi apho, ucinga ukuba ngewawungomoya ngokwaneleyo uqonde ukuba yayinguBani na lowo? Ucinga ukuba ngewenza njalo? Ngoku khangela. Yabona? Laa Ndoda, ingoWasemzini nje, u—. . . apho, Usenokuba wayengumlobi. Wayengumchweli, nantso into Awayeyiyo. Le Ndoda inguMchweli yayimi apho, iNdoda ekubudala obuphakathi. Naku kusiza le ndoda. Yayijonga, njengenye yala madoda alapha, yathi, “Nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye.” Ke, yaYisazi njani ukuba wayengumSirayeli? Kwakungekho ngendlela anxibe ngayo, kuba babenxiba ngokufanayo bonke. “Ekungekho nkohliso kuye.” Yayisazi njani Yona ukuba yayiyi—yindoda engenankohliso?”

84 Ngoko oko kwayimangalisa le ndoda. Ilikholwa lenene, yathi, “Rabi,” okanye, mzalwana mshumayeli, mfundisi, “undazi nini na Wena?” Yabona, yayiMbuza.

85 Wathi, “Ngaphambi kokuba uFiliphu akubize, xa ubuphantsi komthi, bendikubona.”

Wathi, “Ungunyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli.”

86 UYesu wathi, “Ngenxa yokuba ndikuxelele oku, uyakholwa na ngoku kuM? Ngoku uyakubona izinto ezinkulu kunale.”

87 Kwaye naso isizathu sokuba ndikholwe ukuba iBandla likaThixo ophilileyo liyakubona izinto ezinkulu kunale nto. Selizakungena kuyo kanye ngoku, ngethutyana, yabona, ngokuba likholiwe. Abo bayalileyo, ngenxa yezithintelo zobuhlelo, ndiyathandabuza ukuba bayakuphinde bakholwe kwanto. Yabona? Izinto. . . Kuyakuba phakathi kokuba uhambe ekukhanyeni kungenjalo ube yimfama. Ukukhanya kuyaphanyaza, kungenjalo kunokubonisa indlela.

88 Iintaka ezincinane, endazifumana, kuMfanekiso oqingqiweyo weNkululeko. Uze uncede ngokuwubona, Mzalwana Tom, wakunyuka, yabona. Zizibetha zigqabhuke ubuchopho, phaya kulaa nto. Ndaze ndathi, “Yintoni ingxaki?”

89 Bathi, “Endaweni yokulandela ukukhanya, xa kukho isitshingitshane, ziye kwindawo ekhuselekileyo, zizama ukubetha ukukhanya kucime. Ziyazibulala.”

90 Yiloo nto kuphela eyenzekayo xa ubetha uphikisana nokuKhanya, uyazibulala, ngokwasemoyeni. Hamba nje ekuKhanyeni, njengokuba Yena esekuKhanyeni, ngoko siyakuba nobudlelane omnye nomnye, onke amabandla ayakukholwa ahambe evuyela iintsikelelo zikaThixo. Ayinakuba yinto emnandi leyo?

91 Khangela kumfazi welamaSamariya ekuzeni kwakhe. WayengumSamariya, ngoku (hayi umYuda), umSamariya. Waze Wathi, “Ndiphe Ndisele.” Yaqhubeka incoko.

Oku kwenzelwa abaqalayo ukuza ngoku.

92 Yaqhubela phambili incoko. Ngoku, wayengaMazi ukuba wayenguMesiya othile. Wayeyi—yiNdoda nje, iJuda. Yabona ukuba wathini na kuqala? Wathi, “Kuba, akukho sikweni kuni maJuda ukuba nithethe nomfazi womSamariya ngolu hlobo.” Wathi, “Asisebenziselani.”

93 Wathi, “Kodwa ukuba ubusazi nguBani na lo uthetha naye, ngewucele kuM into eselwayo. Kwaye bendiyakukuzisela, ndikuphe amanzi ongasayi kuza kuwakha apha.”

94 Kuba, wathi yena, “Ngoku umzuzu nje.” Wathi, “Sinqula kule ntaba thina, ke—ke nina maJuda ninqula eYerusalem.”

95 UYesu wathi, “Kodwa kuza ilixa xa—xa ningayi kuthi ninqule naseYerusalem okanye kule ntaba, koko kuyakuba ngoMoya. Kuba uThixo unguMoya, kwaye abo baMnqulayo bamele kukuMnqula ngoMoya nangeNyaniso.” Yabona? Ngoko, Waqhubela phambili, eqhuba ingxoxo wade Wafumanisa ukuba yayiyintoni ingxaki yakhe. Intoni, niyazi ukuba yayiphi na ingxaki yakhe? Ukhona umntu owaziyo ukuba yayiyintoni na ingxaki yaloo mfazi kweloo qula? Wayenabayeni abaninzi kakhulu, wayengenabo? Ngoko Wathi kuye, “Hamba uye kubiza umyeni wakho uze apha.”

Wathi yena, “Andinamyeni.”

96 Wathi, “Injalo loo nto. Ubunabo bebahlanu, nalo uhlala naye ngoku akangowakho.”

97 Wathi yena, “Mhlekazi!” Ngoku mkhangele. “Mhlekazi, ndiyaqonda ukuba unguMprofeti Wena.”

Ukuba uyakuyingqamanisa loo nto noko kuphawuliweyo uyise emva, uyakufumanisa. “Mhlekazi,” kweyakuqala, “Wena, ndiyaqonda, ukuba unguYe *laa* Mprofeti.” Khumbula, eBhayibhileni, ihlala isitsho, “Laa Mprofeti, ingaba Unguye na ‘laa Mprofeti’?” Yayingowuphi loo Mprofeti? YayinguLowo uMoses wathi uyakuvela.

“Ndiyaqonda ukuba unguMprofeti Wena. Ngoku, siyafundiswa, yaye siyazi ukuba xa athe wafika uMesiya, Uyakwenza ezi zinto.” Lowo yayingumqondiso kaMesiya. Ingaba kunjalo? Ukwazi ukuba yayiyintoni na ingxaki yakhe. Wathi, “Siyazi ukuba xa athe wafika uMesiya, Uyakusixelela ezi zinto. Kodwa unguBani ke Wena?”

Wathi, “NdinguYe, lo uthetha nawe.”

98 Wawushiya umphanda wakhe wamanzi. Wabaleka waya kungena esixekweni, ndiyaqonda, eyibambile nje intliziyo

yakhe esithi, ebeke izandla esifubeni exhuma nje, esithi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele izinto endakhe ndazenza. Ayingebi nguye na loo Mesiya? Ayingebi nguye kanye Lowo iBhayibhile ithe uyakufika? LiJuda elihleli phaya ngaphandle, iNdoda nje eqhelekileyo, ikhangeleka ngokungathi ingumchweli. Kodwa Indixelele ukuba ndinabayeni abahlanu, yaye niyazi nonke ukuba yinyaniso leyo. Lo kumelwe ukuba ibe nguMesiya.” Ingaba kunjalo?

99 Ngoku, uYesu wathi, “Kusaya kuba mzuzwana, isithutyana sexesha, ihlabathi lingabi saNdibona. Ukanti, nina niyakuNdibona, kuba ndiyakuba nani, ndibe kuni. Nemisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Nemikhulu kunale Ndiyenze apha, niyakuyenza, ngokuba ndisiya kuBawo, ndibuye ndikwimo kaMoya.”

Idini selihlawulwe. IMbewu yoBukumkani yafa; iMbewu yoBukumkani yavuka kwakhona. Ngoku iBandla limi lingcwalisiwe, ngokukholwa kuloo nto, kwaye iMbewu yoBukumkani ingangena kwaba bantu ize ibenze babe ziindlalifa kwakunye nayo, oonyana neentombi zikaThixo.

100 Ngoku, kuni nonke apho ngaphandle, nina bangekho kumgca wokuthandazela, ndithe makakhuphele amakhadi abantu aba . . . xa bendimtsalela umnxeba ngale ntsasa. Wanditsalela umnxeba, wathi, “Ufuna Ukuhla ngokwakho ukhuphe amakhadi athile omthandazo, tata?”

101 Ndathi, “Ukuba baninzi ngaphezu kweshumi abantu abangabangaphandle komnquba.”

102 Ngoku, ngamanye amaxesha kulo mnquba ndiyabiza ndikhuphe loo makhadi omthandazo. Nize nibuye nithi, “Ke, ebebazi. Ibingabomnquba lowo. Ebeyazi ingxaki yabo. Ngokuqinisekileyo.”

103 Ndize ndiguquke ndithi, “Mayibe ngabo bangaphandle komnquba kuphela abezayo. Kulungile. Nina bangaphandle kwalo mnquba, iyakuba nini enifumana ukungena emgceni wokuthandazelwa.”

104 “Owu, asibazi,” batsho abomnquba. “Asiyazi ukuba yintoni na ingxaki yabo. Kusenokwenzeka ukuba ebexoka ngaloo nto.” Yabona?

105 Ngoko ndithi, “Makungabikho mntu uzayo. Mayibe nguMoya oyiNgcwele obanyulayo nje aboo balapha ngaphakathi abangengaba lo mnquba, behleli nje phaya phantsi.” Nangoko nisuka nje . . .

106 Akukho ndlela konke, yakuzisa umntu kuThixo, ngaphandle kokuba abe wamnyulela ukuba abe ngunyana kaThixo. Akukho ndlela nje konke yokuyenza loo nto. UYesu wathi, “Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM aMtsale.” Kwaye yiNyaniso leyo. Yonke into Awayenzayo,

kwakukukho into echasene nayo. “Ukuba Wayeyenza *ngale* ndlela, yayimelwe kukuba yenziwe *ngale* ndlela. Nanga *indlela*, ibimelwe kukuba semva *ngaleya* indlela.” Yabona, kukungakholwa nje. Kodwa ubulumko buqatshelisiswa ngabantwana babo. Ngoko, wena, uyabona.

107 Ngoku apha, ndizama ukuthetha oku kwi—kwintlanganisela le yabantu aba, ukuba uYesu Kristu wayeyiyo loo Mbewu yoBukumkani. Ayisithi; Yiyo. Thina sizindlalifa nje zaloo nto, kodwa zonke izinto zizezethu. Kwakunokuthini ukuba wawumi apho ngaloo mini xa uSimon wenyukayo? Ube wena, kungekho mntu. . . Yinto yokuqala le kwaWazenzayo.

108 Ngoku, iyakuba yinto yokuqala kwaba bantu, ukuba Uyayenza. Abazange bayibone ngaphambili.

109 Kodwa xa uSimon wenyukayo, umlobi wakudala, engenamfundo yaneleyo nokokuze abe nokusayina igama lakhe kwisiqwenga sephepha. IBhayibhile ithe wayengo “ngenalo ulwazi engafundanga.” *Kwaye* sisihlanganiso eso. Kokubini, “engongenalwazi nongafundanga.” Waze wathi Akunyuka, ngokomqondiso, igunya. . . UYesu, uYesu wathi, “UnguSimon igama lakho.” Ucinga ukuba wacinga ntoni? Ngewawucinge ntoni ukuba ngewawumi apho? “Negama likayihlo nguYona. Ukusukela ngoku ke uyakubizwa ngokuba nguPetros.” Yintoni, yintoni owawunokuyicinga? Ingaba laa Ndoda yayifunda ingqondo yakhe? Ke, ngewawucinge ntoni? Ngewawucinge ukuba yayingumqondiso kaMesiya lowo?

110 Ukuba ngumqondiso kaMesiya kwisigaba esinye sexesha lowo, kunyanzelekile ukuba ibe ngumqondiso kaMesiya, kwisigaba sesibini, isigaba sesithathu, isigaba sesine. Sigaba ngasinye sexesha simelwe kukuba yinto enye, kuba uThixo akanakuguqu-guquka. Bangaphi ke abaziyo ukuba uMesiya wayenguThixo? Ngokuqinisekileyo. YayinguMthanjiswa. Ngokuqinisekileyo. Ngoko Akanakuguqu-guquka. Umelwe kukuba yinto enye.

111 Naso isizathu sokuba Abe kwafuneka ukuba angqine kwaloo nto inye kumaSamariya njengokuba Wenzayo kumaJuda. Kungokuba, zizizwe zentlanga ezintathu zabantu bakaHam, uShem, nabantu bakaYafete; amaJuda, iiNtlanga, namaSamariya.

112 Ngoku, niyawuqaphela uMoya oyiNgcwele? Bangaphi abaziyo ukuba uPetros wayenezitshixo zoBukumkani? Niyiqaphele loo nto, Wabuvulela ngomhla wePentekoste, kumaJuda. UFiliphu wehla waya kushumayela kumaSamariya, ebabhaptizela eGameni likaYesu Kristu, kodwa uMoya oyiNgcwele wawungekabaweli. Kwanyanzeleka ukuba bathumele babize uPetros, abeke izandla zakhe phezu kwabo baze bawamnkela uMoya oyiNgcwele akunjalo?

[Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Nakwindlu kaKorneli i—iiNtlanga zaWamnkela. Kwakuphelele apho. Ukusukela ngoko, uvuleleke nje kubo bonke ngoku. Ngoko nantso ke, yabona, Wanyanzeleka ukuba awuvulele. UThixo unendlela yokuzenza izinto.

113 Ngoku, kusasanje, ukuba Lo Wabeka idinga kwiMbewu, ukuba imbewu ihleli apha . . . Ndifuna ukukholwa ukuba ninonke niyiyo. Ukuba iMbewu ihleli apha, ngokuqinisekileyo iMbewu iyakusibona iSithembiso. Ngoku, mntu ngamnye kwaba bemi apha baphakamise izandla zabo, abazange babekho nokubakho kwezi nkonzo ngaphambili. Bangabangazaniyo nam. Andibazi nam. Bangene nje apha. Kwimizuzu embalwa edlulileyo, uBilly wabanika ikhadi lomthandazo, naku ke bemi apha. Baninzi kuni phaya ngaphandle, abebephakamise izandla zabo, eningawafumananga amakhadi omthandazo, nibe ningabangazaniyo nathi apha. Loo nto ayichaphazeli kwanto ngaloo nto. Kholwa nje ukuba uyinndlalifa yeloo dinga. Kholwa nje ukuba ngemivumbo yaKhe waphiliswa. Ukholwe kuloo nto ngentliziyo yakho yonke, uMkhangele ke.

114 Inye into esiyiyo esi sipho, kukuzithoba nje ngokuzinikezela kuYe. Andithethi kwanto; nguYe othethayo. Kwaye ukuba Lowo nguMoya waKhe wokuprofeta, umprofeti wahlala eno-ITSHO INKOSI. Kwakuhleli kuyinyaniso. Yaye iMfundiso iyengenakubuzwa, kuba iyakunyanzeleka ukuba ingqamane neBhayibhile, ukuba nguThixo lowo. UThixo akanakuthetha into, aze ayivukele ayijije ijikeke. Imelwe kukuba ibe kwayinto enye lonke ixesha.

115 Ngoku nina balapho ngaphandle, kholwani. Ngako konke okukuni, kholwani. Ngoku ningabi sajikeleza kwakhona. Hlalani nje ngokuzole ngenene ngoku, wonke umntu.

Ngokucotha kangangoko nangokuphantsi kangangoko unokuba nako.

Kuyenzeka, ngale ntsasa, ukuba umntu wokuqala omi apha ibe yindoda. Ngoku siza kuthabatha esi Sibhalo.

116 Ngoku niyandibona apho ndimi khona? Bangaphi abayiqondayo loo nto? Nanga amadoda nabafazi bemi apha, endingazange ndawaphosa amehlo am kubo, ebomini bam. Abangazange babekho nkqu enkonzweni, yaye niyandibona apho ndimi khona. Abayazi into eyakwenzeka. Andiyazi into eyakwenzeka. Kodwa uThixo wathembisa ngayo. U-Abraham wayengayazi ukuba kuyakwenzeka ntoni na xa wayekhupha imela eza kubulala u-Isake, kodwa uThixo wayethembise ngaye. Nantso into epheleleyo. Wayemamnkele njengovuke kwabafileyo, esazi ukuba Yena wayenako ukumvusa kwabafileyo. Ingaba kunjalo? Ngoko kwakungekho ngxaki.

117 Ngoku, naku kumi indoda ecaleni kwam, andizange ndayibona, andazi kwanto ngayo. Singabangazaniyo omnye nomnye. Asazani. UThixo usazi sobabini.

Ngoku, ngesipho esiNgcwele, ukuba ndinokuthi nje ngokuphiwa . . . Ngoku, ezo zipho uzalwa zikuwe. UThixo wazimisela ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Bangaphi abayaziyo loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoko ibingayi kuba yiyo nantoni na endinayo, ukuze ndithabathe isipho. NguThixo owayinyulayo. Asindim owayinyulayo. Nguye owanyula loo nto. Yabona? Njengabaprofeti beTestamente eNdala, nabantu abahlukeneyo, abemiselwe ngenxa engaphambili kuloo nto, ukuba benze oku.

118 Ngoku, ukuba le ndoda iyagula, andinakuba nakuyiphilisa. Ukuba le ndoda inento eyisweleyo, kungaxhomekeka koko ikusweleyo ekubeni ndinokuyinceda na okanye hayi. Kungenzeka, ukuba ibiyinto ethile eyenye enjengokuba yona . . . into encinane ebendinokuyinceda kuyo, kuba, ndingakuvuyela ukuyenza loo nto. Mhlawumbi inomsindo. Mhlawumbi ayinguye kwaMkristu. Mhlawumbi inguye uMkristu. Mhlawumbi ingumhanahanisi. Andazi. Kube yintoni ukuba ingoncethezayo ehlasela, othe wanyebelezela wangena, waze wenyukela apha ezenza nje ukuba abe ngathi uyinto ethile? Uze ukhangele ukuba kuyakwenzeka ntoni na, yabona, ujonge nje—nje ukuba kuyakwenzeka ntoni na. Andazi.

119 Kodwa, yabona, umi apha, ngoko unako ukuma ngokugqibeleleyo, usazi ukuba uThixo wenza isithembiso, uThixo uyaligcina idinga laKhe. Yabona? Ngoku, ukuba uThixo uyasigcina isithembiso saKhe, kuphakathi, kokuba kanye apha ngoku, kwaba bantu; bangaphi apho ngaphandle abayakuhlala apho ngaphandle, baze bathi ngentliziyo yabo yonke niyakukholwa yiloo nto? Ngentliziyo yenu yonke, niyakukholwa? Ngoko kholwani nje kum.

120 Ngoku masibone. Masithabathe iSibhalo. Ngoku uSimon Petros weza kwiNkosi uYesu. Waze wathi ekufikeni kwakhe kwiNkosi uYesu, iNkosi uYesu yamxelela ukuba wayengubani na, yaze—yaze yamxelela izinto malunga nobomi bakhe. Ke, kwaloo Yesu mnye uyaphila namhlanje. Yena . . . Niyakholwa ukuba Wavuka kwabafileyo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Niyakholwa ukuba loo Moya kaMesiya uphila kanye eBandleni, namhlanje, kanye njengokuba Wawuhleli unjalo? ["Amen."] Kulungile.

121 Ngoku, nina baphulaphuleyo, ningenawo amakhadi okuthandazelwa, khangelani ngapha nithi, "Nkosi!" Kakade, akukho makhadi okuthandazelwa akhoyo phaya esihlweleni, ndibabize bonke bema apha. Wena ulapho esihlweleni yithi, "Nkosi, ndichukumise." Ufumanise ukuba kwenzeka ntoni na. Ufumanise ukuba . . . ? . . .

122 Ngoku, mhlekazi, ukuba bekukho indlela ehlabathini enokukunceda ngayo, bendiya kuyenza. Yabona, mna nje, singabangazaniyo apha, kwaye mna—mna ndihlangana nawe okokuqala. Kodwa ndinomthwalo, njengomlungiseleli, ukuba ndikuxelele iNyaniso nokuba lingqina likaYesu Kristu. Kwaye, ngoku, andifuni kuba undixelele kwanto. Ndifuna nje ukuba undiphendule ukuba yinyaniso na okanye hayi, ibe nguYe ke ngoko okwenzayo. Kwaye ukuba Uyakwenza kwangaloo ndlela inye apha eqongeni ngalo mzimba, le Wenza ngayo ngomzimba kaYesu!

NguThixo Lowo, ekuKristu. UYesu wathi, "Andenzi nto engathanga uBawo, ongaphakathi kuM, aNdibonise. Nguye ondixelela eMandikwenze." Ngoku yayingengoYesu owaxelela laa mfazi. YayinguBawo, engaphakathi kuYe, owaxelela laa mfazi. Yayinge—yayingengoYesu owayemazi ukuba wayengubani na uSimon Petros, yayinguBawo owahleli ngaphakathi kuYe, owayemazi ukuba ngubani na uSimon Petros. Yiyo leyo. Yabona? Nantso ke.

123 Ndingakuxelela, ngoku, unguMkristu, ewe, mhlekazi, ngokuba uno—uno—unomoya owamnkelayo ophepheza ngokufudumala. Kwaye yena, yena ulikholwa unguMkristu. Yaye uhlutshwa yimo yokuhlupheka ngokwasengqondweni ekunika inkathazo yesisu. [Lo mzalwana uthi, "Kunjalo."—Mhl.] Ingaba kunjalo? ["Kunjalo."] Yabona? Yabona? Ngoku, ichanekile loo nto. Yenzeke njani loo nto? Ndiyazi njani loo nto? Bendinokuba nakho njani khona ukuyazi loo nto? Asizange sabonana ngaphambili. Yinyaniso leyo. Ayinjalo? ["Yinyaniso."] Mhlawumbi angakuxelela enye into ngesiqu sakho. ["Kulungile, mna . . ."] Ndiza kukuxelela. Nantsi enye into. Ndibona umfazi osecaleni kwakho. Ukunye nawe. Yinkosikazi yakho. Nayo iswele ukuncedwa, kananjalo. ["Injalo loo nto."] Ewe, mhlekazi. Uyakholwa ukuba uThixo angakuxelela apha ukuba yintoni na eyingxaki kwinkosikazi yakho? ["Ndiyazi ukuba Anganako."] Kulungile, mhlekazi. Inenkathazo yentliziyo, ukungaqhubi kakuhle. ["Ewe, mhlekazi."] Injalo loo nto. Ayinjalo? Inokuxakeka ngokwasengqondweni, kananjalo. ["Injalo loo nto."] Ewe, mhlekazi. Ngoku, awuveli kwesi sixeko. ["Hayi, mhlekazi."] Uhamba uye ngapha xa ugoduka, usiya eCincinnati. ["Injalo loo nto."] Injalo loo nto. Uvela eCincinnati, e-Ohio. ["Ewe, mhlekazi."] Igama lakho unguMilliken. Phindela, ugoduke, uphile. INkosi iyakukusikelela kwaye uyakuphila, inguwe nenkosikazi yakho. UThixo akusikelele.

Yiza, mhlekazi. Uyakholwa? Ngoku yiba nokholo. Musa ukuthandabuza.

124 Ngoku hloniphani ngenene. Wonke umntu ngoku ahloniphe ngenene kangangoko, nizole. Yabona, uMoya

oyiNgcwele uphakuphaku kakhulu. Bangaphi abayaziyo loo nto? Uphakuphaku nje ngenene, uMoya oyiNgcwele, uyabona, ukuphazamisa nje okuncinane kuya kuyaWukhathaza.

125 Ngokoogqirha, umelwe kukufa khona ngoku, kukukhathazwa yintliziyo. [Lo mzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.] Injalo loo nto. Uze apha uvela eChicago, Mnu. Mosley. ["Ewe."] Igama lakho lokuqala unguTheodore. ["Ewe."] Uyakholwa kuThixo? ["Ewe."] Ngoko goduka uphile, eGameni likaYesu Kristu, uphile. UThixo akusikelele.

126 Uyakholwa kuThixo? [Lo dade uthi, "Ngokuqinisekileyo ndiyakholwa. Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Uhlutshwa yingxaki yomlenze wakho. Uvela ngaphandle kwale dolophu, nawe. ["Ewe, mhlekazi."] Uvela e-Owensboro, eKentucky. Igama lakho unguNkosk. Lamb. ["Ewe, mhlekazi."] Goduka uphile.

127 Eli nenekazi lihleli kanye phaya, nalo livela e-Owensboro. [Lo dade uthi, "Amen."—Mhl.] Unethumba ebeleni lakho kule ndawo. Umelwe kukwenziwa utyando, ngomso. Hamba, ukholwe, uphile.

128 Uyakholwa, mhlekazi? [Umzalwana uthi, "Ewe, ndiyakholwa."—Mhl.] Asazani omnye nomnye. ["Ewe, kunjalo."] Igama lakho unguMnu.Gilmore. Injalo loo nto. Uvela e-Anderson, e-Indiana, apho kukho inkqubo enkulu yebandla likaThixo. ["Injalo loo nto."] Injalo loo nto. Umi apha umele intombi yakho exhwalekileyo ngokuyinxenye. Iqinelwe ngumzimba ngokuyinxenye. Uyakholwa? Ngoko goduka uyifumane iyiloo ndlela ukholwa ngayo. Kulungile. UThixo akusikelele yiba nokholo. Kholwa.

129 Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke mhlekazi? [Umzalwana uthi, "Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Uvela e-Indiana Polis. Ungumlungiseleli weVangeli. Yinkosikazi yakho leyo. Ehe. Iyahlupheka nayo. ["Kunjalo."] Inoqhoqhoqho ingxaki ekuqhoqhoqho. Ugqirha . . . Inengxaki yentliziyo; ibuxakeka ngeengcinga. Ndibona ukuba indlebe yayo ayiva. Yintoni? Yiza apha.

Moyandini wobuthulu, eGameni likaYesu Kristu, ndikuyalela ngoThixo ophilileyo, ukuba uphume kulo mfazi.

Ngoku undiva kakuhle ngoku. Ningagoduka nobabini niphile. Phindelani kwikhaya lenu. Uyandiva, kwaye uphilile. Awuyi kuba nangxaki.

130 Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Yibani nokukholwa nje kuThixo. Kholwani.

131 Esaa sifo sidala sokuqina kwamalungu nento eyimbi kakhulu. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Hamba ke ngoko uhle uphumele phaya kanye. Goduka, udumisa iGama laKhe, uthi, "NdiyakuKubulela, Nkosi Yesu ethandekayo."

Isizathu sokuba ndibe ndibambe loo nto ngokukhawuleza, lo mfazi ebekwanaloo nto inye, isifo sokuqina kwamalungu.

Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? [Umzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.] Kulungile, mhlekazi. Ngoko hamba nje uhle uphumele phaya uthi, "NdiyaKubulela, Nkosi Yesu," ugoduke.

132 Kulungile, dade, jika nje ugoduke, ukholwe. Uqinelwe ngamadolo akho, nengxaki yentliziyo yakho, njalo njalo. Jika nje ugoduke, uthi, "NdiyaKubulela Nkosi Yesu," uphile. Kholwa ngayo yonke into engaphakathi kuwe.

133 Niyakholwa? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Bangaphi apho ngaphandle, abanye kuni bantu abakholwayo? ["Amen."]

134 Nenekazi elincinane elihleli apha, elinentloko emnyama, elinengxaki yokuxhuzula, uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Uyayamnkela loo nto? Kulungile. Ukuba uyakwenza njalo, Uyakukuphilisa.

135 Nanku umshumayeli ehleli apha, ehleli apha, efuna ukuhamba ngokusondeleyo ngakumbi kuThixo. Awunguye, mhlekazi? Uyakholwa ukuba uThixo uyakukwenzela loo nto? Phakamisa isandla sakho uthi, "Ndiyayamnkela."

136 Eli nenekazi lihleli apha, lizithobile izandla zalo linenkathazo yasemoyeni elicinga ngayo. Kulungile.

137 Nali inenekazi elincinane apha lixakiwe kukuba liyakulufumana na usana lwalo. Injalo loo nto. Ukhe wakho kwenye yeenkonzo zam. Ndakuthembisa, ngoThixo, usana. Andikuthembisanga? Kulungile, ngoko phindela ekhaya ulifumane. Ungazihluphi malunga naloo nto kwakhona.

138 Niyakholwa ngentliziyo yenu yonke? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Wonke umntu kuni uyakholwa? ["Amen."] IMbewu ka-Abraham iyakuyidla ilifa isango, isango lotshaba. Ingaba niyiMbewu ka-Abraham, ngoYesu Kristu? Phakamisani izandla zenu ukuba niyiyo. ["Amen."]

Ngoko bekani izandla omnye ecaleni kwakhe, phezu kwalowo usecaleni kwakho, omnye komnye. Bekanani izandla omnye komnye. Lidleni ilifa isango ngoku. Lelenu. Lilelilelenu. "Umthandazo wokholo uyakumsindisa ogulayo. UThixo uyakubavusa." Kungile, thandazani elowo ngendlela yakhe. Thandaza ngendlela owenza ngayo enkonzweni yakho. Thandazela aba bantu bakunye nawe ngoku." Beka izandla zakho omnye phezu komnye uthandaze.

139 Nkosi Yesu, siza ngelo likhulu, iGama lonamandla Onke leMbewu yoBukumkani, iMbewu ka-Abraham, owayethenjiswe ngaYo phezu kwentaba apho Wambonelela khona ngemvana; waze wabeka loo mvana entlango, into engummangaliso, enjengokuba Wenzile ngabo noomatse basemithini, izolo.

Ndiyathandaza, Owu Nkosi Thixo, ukuba Uthumele aMandla akho, ukholo . . . Ize ithi yonke iMbewu ndiyazi ukuba bayakwenza njalo, Nkosi, ukuba Wena Wathi, "IMbewu ka-Abraham." Kwaye ukuba kubekho abathile apha abazenzisa ngokungathi bayiMbewu, babe bengeyiyo iMbewu, baxolele ngokunqwena kwabo apha kungenjalo ukuzenzisa. Kwaye wanga uMoya oyiNgcwele ngoku kanye ungayivuthisa imiphefumlo yabo ngokholo oluphilileyo. Makathi uMoya oyiNgcwele aphepheze ukungena kuyo yonke intliziyo aphilise wonke umntu olapha. Babeke izandla zabo omnye phezu komnye.

IMbewu yoBukumkani ithe, "Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo. Ukuba bathe babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila." Kwaye Lowo Wenza esoo sithembiso ukho kanye ngoku, eZibonakalalisa ukuba Ulapha. Nantso iMbewu ibeke izandla zayo omnye komnye. "Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo." Wanga uMoya oyiNgcwele ungangena ngamandla uphumele kwizandla zabo bonke, ungene ezintliziyweni zabantu, ungene ngaphakathi emizimbeni, uphilise wonke okuBukho obuNgcwele. Siphe oko, Nkosi.

Ndiyamkhalimela uMtyholi. Ndikhalimela konke ukungakholwa. Ndikhalimela wonke umoya ongcolileyo. Ndikhalimela wonke ozenzisayo. Ndikhalimela yonke into echasene neLizwi likaThixo. Kwaye mawuthi uMoya oyiNgcwele uthabathe indawo yaWo entliziyweni yabantu, khona ngoku, ngokholo. Wanga wonke ogulayo naso sonke isifo, konke ukuxhwaleka kungabashiya abantu, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

140 Ngoku, Mbewu ka-Abraham, wena ungowomlibo wobukumkani, wena wedinga, ngobabalo nangoncedo lukaThixo, bangaphi kuni abanokuphakamisa isandla, bathi, "Ndikwamnkele oko bendikucela." Enkosi. Nantso ke. Nantso into elilelayo idinga. Nantso into esanikelwa yona isithembiso, ukuze ube nokuba yindlalifa yezi zinto, ngoYesu Kristu owakusindisayo. Wakusindisa esonweni. Wakusindisa ekuguleni. Wakusindisa ekufeni. Wakusindisa esihogweni. Wakusindisa engcwabeni.

141 Uthi, "Mzalwana Branham, sonke siyangena engcwabeni." Kodwa ingcwaba alinakusibamba. Wangena kulo, naye, kodwa alizange libe nakuMbamba. Ngokuqinisekileyo. LalingenakuMbamba.

142 "Ke, Mzalwana Branham, ndihendwa kakhulu." Wayehendwa, naye. Kodwa Wakusindisa ekuhendweni.

143 "Ungasingenisi ekuhendweni, usisindise enkohlakalweni." Yabona, Wayenza loo nto. Kokwakho konke. Yonke into yeyenu, ngoYesu Kristu. Ukunika yonke into, ngesisa. Akukho

ntlawulo kuloo nto, kungekho kwanto. Yeyenu nje khona ngoku. Aniyivuyeli? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Anonwabanga ngenxa yaKhe? ["Amen."] Makubulelwe kuThixo.

144 Ngoku, zizakubakho iinkonzo, ngoku kuhlwa. Ewe. Kungokuhlwa nje, ngecala lentsimbi yesixhenxe ngokuhlwanje. Ndiyakutsho umlungiseleli anixelele. Yizani. Yizani.

Ngoku, kwiCawe elandelayo, iNkosi elungileyo ithandile, ndizakubuya ukuza kuthandazela abagulayo, emnqubeni, kungenjalo nokuba kuphi na.

UKUTHIMBA AMASANGO OTSHABA XHO59-1108

(Possessing The Enemy's Gates)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla we-8 kuNovemba, ngowe-1959, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2004 ngabe:

©2004 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org